# Ukufunda ngokwamaqela ngoncedo lukatitshala



## Phambi kokufunda

- Tyhila ibali abaza kulifunda. Thetha ngemifanekiso.
- Cela abafundi baqashisele ukuba lingantoni na ibali ngokujonga kwizihloko nemifanekiso.
- Cacisela abafundi amagama amatsha okanye anzima phambi kokuba baqalise ukufunda.
- Yenza amakhadi amagama ukufundisa isigama esitsha. (Jonga uluhlu lwesigama esitsha kumphakathi woqweqwe lwangasemva.)

## Xa kufundwa okokuqala

- Abafundi mabafunde incwadi ngabanye-ngabanye.
- Abafundi mabafunde ngokuthe cwaka okanye bafunde incwadi ngokusebeza.
- Yiya kumfundi ngamnye umcele ukuba afunde umhlathi encwadini ekhwaza.

## Ingxoxo

- Buza imibuzo evavanya ukuqonda esekelwe encwadini.
- Gxininisa kwizandi, amagama angaqhelekanga okanye anzima nakwisigama.
- Uya kufumana imisebenzi engemva kule ncwadi iluncedo ekukhokeleni ingxoxo. (Khetha imisebenzi elungele umgangatho wabafundi).

## Xa kufundwa okwesibini

- Kwiintsuku ezilandelayo, bayeke abafundi bafunde kwakhona, ngababini okanye emnye.
- Gxininisa ekufundeni kakuhle, igrama nesigama.
- Bayeke abafundi bagqibezele imisebenzi equkwe ngemva kule ncwadi ngokwamaqela. Khetha imisetyenzana efanele umgangatho wabafundi.

*Abafundi mabenze umdlalwana ukuba incwadi iyakuvumela oko.*





*Abafundi mabenze imisebenzi yokufunda ngokwamaqela emva kwesifundo. Bayalele abafundi basebenze ngokwamaqela benze imisebenzi efanelekileyo yokufunda ngokwamaqela efumaneka ngemva encwadini. Mabangabhali kule ncwadi. Imisebenzi ebhalwayo mayenziwe kwiincwadi zabo zemisebenzi.*

Ngaminazana ithile isikhukukazi esibomvu sachola ukhozo lwengqolowa.

"Ngubani oza kundincedisa silime le ngqolowa?" sabuzisa.

"Hayi asindim," latsho idada.
"Hayi asindim," latsho irhanisi.
"Hayi asindim," yatsho ihagu.

Sabona ke ukuba asinamncedi saza sazilimela ingqolowa yaso.




Ingqolowa yakhula yasisityalo eside esityebileyo.

"Ngubani oza kundinceda sisike le ngqolowa?" sabuza isikhukukazi esibomvu.



"Yhuu! Andisoze mna," latsho intshontsho ledada.
"Nam andicingi yhoo!" latsho intshontsho lerhanisi.
"Andicingi nokucinga oku," latsho intshontsho lehagu.

Sancama isikhukukazi sazisikela ngokwaso ingqolowa yaso.




Sakuba siyisikile ingqolowa sabuza sathi, "Ngubani oza kundibophisa le ngqolowa?"

"Hayi ungajongi kum," yatsho inkomo ngelizwi elikhulu.
"Ungandibali kwelo qela," yakhonkotha yatsho inja.
"Soze kaloku," yatsho ikati.

Sithe sakubona ukuba akukho ufuna ukusinceda, sazibophela ngokwaso.



Sithe sakugqiba ukuyibopha ingqolowa sabuza, "Ngubani oza kundincedisa sisile le ngqolowa?"



"Asindim," latsho ithole lenkomo.
"Yhu! Hayi ndiyonqena mna,"
yatsho injana.
"Ndisagcakamele ilanga," latsho
intshontsho lekati.

Usizana lwesikhukukazi
lwazisilela ingqolowa yaso.

Yakuba isiliwe
ingqolowa
yangumgubo,
isikhukukazi sacela
uncedo kwakhona,
"Ngubani oza
kundincedisa sixove
isonka size sisibhake?"



"Ndisaphumla bendibaleka
emdyarhweni izolo,"
latsho ihashe.
"Hayi torho asindim,"
yatsho igusha.
"Yhoo! Andicingi tu,"
yatsho idonki.

Kwacaca kwisikhukukazi
ukuba asinamhlobo namncedi,
sazibhakela isonka.

Sathi sakuvuthwa isonka satsho ngevumba elimnandi elivuzisa izinkcwe. Sakhwaza isikhukukazi, "Ngubani oza kundincedisa sitye esi sonka?"

"Sithi," zatsho ngaxeshanye izilwanyana sezibaleka ukuza kwisikhukukazi.

"Nitsho phantsi," satsho isikhukukazi.
"Ndiza kusitya ndedwa, ndisebenze ndedwa."



Sabiza amantshontsho aso, "Yizani size kutya isonka esimnandi."

Isikhukukazi satya namantshontsho aso izisu zathi mpu.




Umntu uvuna akulimileyo!

# Imisebenzi yokufunda yamaqela



1 Xelela umhlobo wakho

- ukuba ubona ntoni kumfanekiso ngamnye.
- ukuba ngowuphi umfanekiso omele ukuba ngowokuqala, owesibini, owesithathu nowokugqibela.
- Balisela umhlobo wakho ibali kwakhona. Qiniseka ukuba ibali linesiqalo, isiqu nesiphelo.





2 Sebenza nomhlobo wakho. Fundani imibuzo nize niyiphendule.

a. Sithini isihloko sebali?
b. Ngubani umlinganiswa oyintloko kweli bali?
c. Lo mlinganiswa wayefuna ukwenza ntoni?
d. Ngubani owasincedayo isikhukukazi?
e. Ngubani otye ukutya esikwenzileyo?
f. Sithini xa sibiza abantwana bezi zilwanyana: idada, igusha, inkuku, inkomo, inja, ihashe, ikati?
g. Ithini imfundiso yebali?



3 Wakugqiba bhala amagama anemvano siphelo ehambelana nawo ecaleni kwawo.

| | | | | |
|---|---|---|---|---|
| ihempe | intente | impempe | iphempe | isinkempe |
| ihagu | ihashe | ihabile | ihambo | ihempe |
| sika | faka | bika | jika | fika |
| ikati | ikani | isali | ikama | ikasi |



4 Jonga amagama akwikholam esembindini.
Xelela umhlobo wakho:

- ukuba leliphi igama elihambelana nomfanekiso.
- ukuba sesiphi isivakalisi esihambelana negama ngalinye.

| | | |
|---|---|---|
|  | **ikati** | "Hayi asindim," yatsho ihagu. |
|  | **isikhukukazi** | "Soze kaloku," yatsho ikati. |
|  | **inja** | "Ungandibali kwelo qela," yatsho inja. |
|  | **ihagu** | "Ndiza kusitya ndedwa," satsho isikhukukazi. |



5 Khuphela encwadini yakho isivakalisi esisebalini sibe sinye.

a. Zoba umfanekiso obonisa eso sivakalisi.

b. Bhala isihloko somfanekiso.

# IBANGA 1 ULWIMI LWEENKOBE

Inqanaba: 3

## Incwadi 1

| | |
|---|---|
| Isihloko: | Isikhukukazi esibomvu |
| Ulwimi: | IsiXhosa |
| Inqanaba: | Incwadi yokufunda yoLwimi Lweenkobe yeBanga loku-1 Incwadi yoku-1 Inqanaba 3 |
| Uhlobo lwencwadi: | Ibali |
| Amagama ajongwayo: | ukuchola, asindim, ukonqena, ngokwaso, ukujonga, ukuxova, ukugcakamela, yhu, yho, soze, andicingi |
| Isigama: | ingqolowa, idada, irhanisi, ihagu, ithole, ukusila, ihashe, idonki, intshontsho, isikhukukazi, khonkotha, lima |
| Izandi: | oo, ngq, x, nkcw, rh, gc, ntsh, mdy, khw. |
| Umxholo, amagama nezakhono: | ▪ Thetha ngemifanekiso.<br>▪ Dwelisa imifanekiso ngokokulandelelana kwayo.<br>▪ Sebenzisa imifanekiso ubalise ibali kwakhona.<br>▪ Phendula imibuzo engebali.<br>▪ Chonga amagama ahambelanayo (azalanayo).<br>▪ Tshatisa umfanekiso negama nesivakalisi.<br>▪ Khuphela isivakalisi sibe sinye ebalini.<br>▪ Zoba umfanekiso webali.<br>▪ Bhala isihloko somfanekiso wakho. |

Inkqubo ye-CAPS igunyazisa ukuba ootitshala babe nexesha abalibekela bucala ngosuku ngalunye, kulungiselelwa ukufunda ngamaqela encediswa ngutitshala.

ukufunda ngamaqela encediswa ngutitshala kujolise ekubeni abafundi abakwinqanaba lokufunda elifanayo bafunde isicatshulwa esifanayo ngoncedo lukatitshala.

Utitshala kufuneka enze isicwangciso sokufunda esiquka iindlela zobuchule bokufunda nokuqonda amagama, zokuxhobisa abafundi xa befunda.

Ezi ndlela zobuchule ziquka "incoko ngebali" ephakathi kukatitshala nabafundi, nephakathi kwabafundi emaqeleni abo. Ezi ncwadi ziqulethe iqela lemisebenzi malunga nezi "ncoko ngebali", ukuqonda neminye enokunceda ootitshala ekukhokeleni ukufunda ngokwamaqela emagumbini abo.

## Ezinye iincwadi ezikwithala leencwadi zebanga loku-1 zoLwimi Lweenkobe:


Inqanaba: 1

- USele uya esikolweni
- Ndiyakwazi ukufunda
- Siya esikolweni
- Usuku lwemidlalo yezilwanyana

Inqanaba: 2

- Siyayithanda ibhola ekhatywayo
- Silinganisa iimpahla
- UBathathe unomhlobo omtsha
- UTshotsho ilori etiphayo

Inqanaba: 3

- Isikhukukazi esibomvu
- ULinda uya kwagqirha
- Iphupha likaDudu



ISBN 978-1-4315-2360-3

9 781431 523603

Rainbow WORKBOOKS

ISBN 978-1-4315-2360-3


**THIS BOOK MAY NOT BE SOLD.**


basic education

Department:
Basic Education
**REPUBLIC OF SOUTH AFRICA**

Published by the Department of Basic Education
222 Struben Street, Pretoria
South Africa



© Department of Basic Education



First edition 2016



The Department of Basic Education has made every effort to trace copyright holders but if any have been inadvertently overlooked, the Department will be pleased to make the necessary arrangements at the first opportunity.